Stellenbosch
UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

**Ingcaciso yakutsha nje: INdawo yokuHlala yaseWilgenhof**

Kuluvuyo kuthi ukuqinisekisa ukuba ixesha lethu lokwamkela laminyaka le liye laqhutywa ngempumelelo kwaye singxamele owama2024 owakhayo, nalapho sinokuthi siqhubekeke nokwakha iinzame zethu zokuqinisekisa ukuba bonke abafundi banamava axhobisa ngolwazi, angoquko, nangeenguqu xa bejoyina iYunivesithi yaseStellenbosch (SU).

Ukuza kuthi ga ngoku, nangaphezu kwesaziso sakuqala esingokuphathelene noku, iSU ingaqinisekisa ukuba iRekthoreyithi iye yakugqibezela ukutyunjwa kwePhaneli enamalungu amathathu eza kuphanda iziqulatho ezithe zafunyanwa kumagumbi amabini akwiNdawo yokuHlala iWilgenhof. Injongo yeRekthoreyithi ekubeni ityumbe le Phaneli kukuqinisekisa ukuba isebenzela ukuncedisa ekufezekisweni kokwenziwa kweenguqu kwinkcubeko yale Yunivesithi, ngokuhambelana noMbono wangowama2040.

IMimiselo yeZalathiso yale Phaneli iye yagqityezelwa kwaye iquka, phakathi kwezinye izinto, ezi njongo zilandelayo;

- Ukwakha ukuqondwa kwamabakala ezembali, ezenkcubeko nawezeempawu ezi ziqulatho nemisebenzi yala magumbi nokuthathela ingqalelo oku ngokuthelekiswa nemvelaphi yemisebenzi yokwakhiwa kweenkcubeko kwiNdawo yokuHlala yaseWilgenhof, nokucebisa iRekthoreyithi ngokunjalo.
- Ukuthathela ingqalelo ngokweenkcukacha ukubaluleka kwezi ziqulatho nemisebenzi yala magumbi mabini ngaphakathi kwinckubeko ebanzi yeziko nemisebenzi yeendawo zaseSU.
- Ukuvavanya ukuba ingaba, kwaye kangakanani, la marekhodi, imisebenzi nenkcubeko jikelele yaseWilgenhof inobungozi kwiinqobo zale Yunivesithi kwaye inokubandakanya ukunyhashwa kwesidima sabantu kubafundi nabasebenzi baseSU bangoku nabamaxesha adlulayo.
- Ukumisela ukuba ingaba imisebenzi engamkelekanga eWilgenhof ekuhambeni kwexesha iye yakhuselwa okanye yafihlwa kusini na ngabasebenzi, zizithwalandwe okanye ngabafundi bale Yunivesithi.
- Ukuvavanya ukuba ingaba bukhona kusini na ubungqina bokuziphatha okuchasene nayo nayiphi na imigaqonkqubo, imigqaliselo, imigaqo yaseSU, okanye iKhowudi yoLuleko lwaBafundi baseSU kweenkokeli zabafundi zakumaxesha adlulayo kunye/okanye nezangoku kunye/okanye nokwabaphathi beWilgenhof.

Usihlalo wale Phaneli iza kuba ligqwetha elikhulu, uAdvocate Nick De Jager. UDe Jager uza kuncediswa nguGqr Derek Swemmer, owayesakuba nguMbhalisi weeYunivesithi eyaseWitwatersrand neyaseFreyistata; noNkszn Penny van der Bank, uSekela Mbhalisi kwezoLawulo eSU.

Njengenxalenye yale nkqubo, le Yunivesithi iza kwenza ukuba mabufunyanwe yile phaneli ubuchule bezemfundo nobezobuprofeshinali ukuze kuthethwane malunga namabakala ahlukahlukeneyo angokuphathelene nembali, isithethe, isosiyoloji, isayikholoji nenkcubeko yeSU neendawo zayo zokuhlala.

Ukulandela ukutyunjwa ngokusesikweni kwePhaneli, ngoku kuza kuqala umsebenzi. Unxibelelwano olulolunye luza kulandela xa uSihlalo wale Phaneli ethe waba nexesha lokugqibezela inkqubo

yeendlela eziza kusetyenziswa. Kulindeleke ukuba kungeniswe ingxelo kwiRekthoreyithi ingaphelanga eyoMdumba kowama2024, okanye msinya kunoko kangangoko kunokwenzeka ze ke emva koko iphaneli icele ixesha elongezelelweyo.